
Emlanjeni i-*Swike* kwakuhlala eyona ngwenya yakhe yankulu. Igama layo yayinguKwakwarapa. UKwakwarapa wayelilolo.

Umlambo wawusoloko uthe cwaka kwaye uzolile.





UKwakwarapa wazigxotha zonke izilwanyana kuba wayefuna ukusela yedwa emlanjeni azonwabele.

Wayethanda ukuchukusha ezinye izilwanyana.

Emini wayegcakamela ilanga kwilitye elikhulu etshayela umhlaba ngomsila wakhe.





Ebusuku izilwanyana zazichwechwa zizame ukusela amanzi. UKwakwarapa wayesithi akuzibona azileqe.

Izilwanyana zathumela iNcada ukuba iye kudlana indlebe noKwakwarapa.

Zonke izilwanyana zazifuna ukuphila ngoxolo naye.






Zonke zavumelana ukuba uNcada axelele uKwakwarapa ukuba zonke izilwanyana ezikufuphi nomlambo kudingeka zabelane ngamanzi.

UKwakwarapa wayenenkani.

Kwaphela kungekho sivumelwano phakathi koKwakwarapa neNcanda.

UKwakwarapa wathi, “Makwaziwe zizilwanyana zonke ukuba ndim ikumkani yomlambo iSwike kwaye akukho namnye ofanelwe kukusela kulo mlambo.”

INcanda yabuyela kwezinye izilwanyana ikhathazekile.





INcanda yabuya nengxelo yaxelela izilwanyana ukuba uKwakwarapa usamile kwinkani yakhe.

Izilwanyana zaceba ukumenzela umgibe uKwakwarapa.

Ngaloo ntsasa, uKwakwarapa wabambeka kumgibe.

UKwakwarapa wabona impuku ematyholweni waze wayiqhatha ngokuba yona nosapho lwayo uzakuyivumela isele emlanjeni ukuba inokunqunqutha iintambo zomnatha.





UKwakwarapa wazama ukuzikhulula kodwa ezinye izilwanyana zambona zambamba.

Zamthwala zamsa ebhotwe likaKumkani.

INcanda yanika umkani ingxelo, “Phila ngonaphakade kumkani Ndlovu!!! UKwakwarapa kudala esala ukuba sisele amanzi omlambo iSwike.”

Ngoku wayesele ezele luloyiko uKwakarapa.





Wathi ukumkani “Kwakwarapa, unentiyo. Namhlanje uyagqibelisa ukungavumi ezinye izilwanyana zisele amanzi omlambo iSwike. Asinakukuvumela wonzakalise izilwanyana zobu bukumkani.”

UKumkani wayekhathazeke kakhulu zizenzo zikaKwakwarapa. Waqhubeka wathi,

"Ningabam nonke. Bonke ubutyebi bobu bukumkani bufanele ukungcamlwa ngokulinganayo nini nonke."

UKwakwarapa wazisola.





UKwakwarapa waliqonda ityala lakhe. Wangxengxeza.

Emva kokuba ziye zaxoxa izilwanyana zagqiba ekubeni zimxolele.

Ukususela ngoko, izilwanyana zahlala ngokonwaba. Zazonwabele ukusela emlanjeni iSwike kunye.

